Ungenza amalungiselelo nabakwaSASSA okuba imali yepolisi yakho yomngcwabo (uMmiselo 26A wokutsala imali) itsalwe kwisibonelelo sakho phambi kokuba igqithiselwe mhlawumbi kwi-akhawunti yakho yakwaSASSA/SAPO SDA okanye kwi-akhawunti yakho yebhanki.



Ukuba unayo nayiphi imibuzo enxulumene nesibonelelo soluntu sakho, kufuneka uqhagamshelane **nabakwaSASSA** ngomnxeba wabo ongahlawulelwayo kule nombolo **08600-601-011**.

Ukuba uneengxaki ngokufumana uncedo kwabakwaSASSA, ungaqhagamshelana **neBlack Sash Helpline** ufumana inkxaso yabasebenzi basemthethweni kunye neengcebiso simahla kule nombolo **072-663-3739**.

BLACK SASH HELPLINE

**072-66 33 739**
**help@blacksash.org.za**

Ungathumela nemibuzo yakho nge-imeyili kule dilesi **help@blacksash.org.za**.

THE indigo TRUST

BLACK SASH
MAKING HUMAN RIGHTS REAL

# Izindlela ezimbini zokufumana isibonelelo sakho

## #knowyourrights

THE indigo TRUST

BLACK SASH
MAKING HUMAN RIGHTS REAL

Umzantsi Afrika unenkqubo yezentlalontle yoluntu eneengcambu kwaye bangaphezulu kwezigidi ezili-17 abantu abaxhamla izibonelelo zoluntu ezihlawulwa qho ngenyanga.

Ngaphezulu kwezigidi ezili-12 zezi zibonelelo ziziBonelelo zeNkxaso yaBantwana, izigidi ezi-3 ziziBonelelo zabaNtu abaDala ize isigidi esi-1 ibe ziziBonelelo sabaKhubazekileyo.

Icandelo lama-27 loMgaqo-siseko lichonga ilungelo lomntu wonke "lokhuselo lwezentlalo, kuquka, ukuba abakwazi ukuzixhasa bona ngokwabo kunye nabaxhomekeke kubo, uncedo loluntu olufanelekileyo".

Ukuba uvunyiwe ukuba ufumane isibonelelo soluntu, kukho iindlela ezimbini zokuhlawulwa:



**1. I-Akhawunti yokuHlawulwa eKhethekileyo yakwaSASSA/SAPO (SDA)**

Ikhadi elitsha lakwaSASSA/SAPO linezi nkonzo zilandelayo simahla:

- 3 ngenyanga ukutsala imali evenkileni;
- 1 ngenyanga ukufumana inkcazelo emfutshane;
- 1 ngenyanga ukutsala imali ekhawuntaleni yesebe lakwaSAPO okanye kwiziko lokuhlawulwa kwemali yezibonelelo ezinkozo;
- 1 ukwenzelwa ikhadi elitsha lakwaSASSA/SAPO;
- 1 ngenyanga ukufumana ingxelo epheleleyo yeenyanga ezi-3 kwisebe lakwaSAPO;
- 1 ngonyaka utshintsho lwe-pin kumasebe akwaSAPO;
- 1 ngenyanga ukukhangela imali ekusaleleyo kwi-ATM;
- Utshintsho olungenammiselo kwiphini luyenziwa kwiofisi ze-SASSA.

Ukufaka isicelo sekhadi elitsha lakwaSASSA/SAPO SDA, yiza nesazisi sakho kuyo nayiphina i-ofisi yakwaSASSA, eziposini ezikhethiweyo kunye namaziko oluntu athile.

Kubalulekile ukuba ucele abakwa-SASSA bakunike iMimiselo nemiQathango (Ts&Cs) ebhaliweyo ye-akhawunti yakwaSASSA/SAPO.

Lkhadi lakwaSASSA/SAPO alikuvumeli ukutsalwa kwemali yamatyala etsalwa ebhankini okanye nayiphina imali etsalwayo.




**2. I-akhawunti yakho yebhanki**

- Ukuze ufaneleke ukusebenzisa le ndlela yokuhlawula, kufuneka unike abakwa-SASSA imvume ebhaliweyo kwaye uze wena buqu.
- Uza kuhlawula iindleko zebhanki eziqhelekileyo, ezifana nokugcinwa kwe-akhawunti, ukutsala imali, ukutshintsha i-pin kunye nokufumana ikhadi elitsha.
- Ukuba awukwazi ukuyizisa imvume wena buqu, ungenza amanye amalungiselelo nabakwaSASSA ukuba beze kuwe.